Stellenbosch
UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

Bogxa nabafundi ababekekileyo

Njengoko ninokuba Niyazi, oosihlalo beenkqubo zentsebenzo zeKomiti ejongene nokuSabela kweli Ziko kwiZindululo zeKomishoni (iCIRCoRe) bathe babeka phantsi kutsha nje lakuba livumelene iBhunga noMbutho wokuPhuculwa kwaBahlali baseWilgenhof (iAWIR).

Emva kokubonisana naba sihlalo kwakunye nokubonisana namanye amahlakani, ndigqibe ekubeni ndenze ngolu hlobo lulandelayo:

1. Ndamkele ukubeka phantsi koosihlalo beenkqubo zentsebenzo zeCIRCoRe, ngelixa sibancoma ngomsebenzi kwanokuzinikela kwaba sihlalo kwakunye namalungu ezi nkqubo zentsebenzo;
2. Xa kuqwalaselwa umba wokuba iCIRCoRe yayingene kwinqanaba lokugqibela lomsebenzi walo, ndikhethe ukuyiyekisa inkqubo yeCIRCoRe;
3. Ze ndicele ukuba kumiselwe inkqubo endaweni yeCIRCoRe ukuze kuqosheliswe ze kuqukunjelwe izindululo eziya kwiCandelo leNqununu – sicele oosihlalo beenkqubo zentsebenzo zeCIRCoRe abakwaziyo, kwanamalungu ezi nkqubo zentsebenzo anakho, ukuba ancedise kule nkqubo, ze adlulise ngokufanelekileyo umsebenzi osaseleyo kumacandelo asisigxina nachanekileyo ale Yunivesithi, phakathi kwayoilicandelo lokumiselwa kweenguqu nelemicimbi yabafundi, ndawonye neekomiti ezichanekileyo zeYunivesithi;
4. Ndinike iSekela leNgqonyela: iFuthe kuLuntu, iiNguqu kunye nezaBasebenzi kwakunye noMphathi weCandelo leNqununu umsebenzi wokukhokela ukuqukunjelwa kwale nkqubo;
5. Ndicele ukuba iKomiti yeeNguqu yeZiko (i-ITC) idlale indima yokucebisa, ukuphuhlisa nokuhlola kwinkalo yokuqukunjelwa kwezindululo; kwanokuba i-ITC le iqinisekise ukuba kunikezelelwa ze kuzuzeke ingxelo eyilwe kuhle negqibeleleyo kwiziphumo nakwizindululo zeNgxelo kaKhampepe.

Bogxa, siyathemba ukuba le nkqubo yokuqoshelisa ndawonye nezifundo esithe sazifunda nesisazifundayo kule nkqubo yeCIRCoRe, ziya kuza neziqhamo zethuba elide kwiYunivesithi ekuqhubeni nokuzinikela kule hambo yokumiselwa kweenguqu.

Ozithobileyo
**NguNjing Wim de Villiers**
**INqununu neNgqonyela**